

IFANDESI LO Messrs. BRADFIELD & BROTHERS.

IFANDESI.

BRADFIELD and BROS., baya kutengisa Impa-hla eku Mhlaba ka EMMA MORLEY, ngomolelo wo Mpatiswa wayo, pambi kwe Ofisi zabo, ngo MGQIBELO, DECEMBER 19, 1891.

KUQALA, Yi Fam Eyi 'DRIEFONTEIN.'

Ukusuka e DORDRECT ukuya yi hour enye; ubanzi yi 1,009 imogolo. Yahlulwe i Fama emasimini, yonke ko lonto ibiyelwe ngocingo nangamatye. Indlu yakiwe ngokomeleleyo ngapezu kwazo ezinye ifama ezikulo mandla. Inlantlanti nezinye indlwana zikwa kufupi naleyo. Amasimi alinyiweyo makulu kakulu, ancenceshelwa ngamanzi angatsbiyo apuma kwi Dam elikulu elakiwe kakuble. Kukwako Ilitye lo Mliu Lokusila Iflawa, elisilayo nangoku.

OKWESIBINI:

- 150 Inkomo Ezizalayo.
- 5 Ibhokuya Ezintsha.
- 2 Inqwelo eke zasebenza.
- 1 Cape Cart nentambo zamahashe.

BRADFIELD & BRO., Abatengisi.

Dordrecht, 20 November, 1891.

"THE AFRICAN and AMERICAN WORKING MEN'S

INGXOWA (Capital) - - £5,000
NGEZAHLULO (Shares) EZI 5,000, ZEPONTI SISINYE.

NGENXA yesikalo somzi Ontsundu, sokuba ixesha lenziwe lifutsbhan, Abayili bagqibe ekubeni lolulwe ezinye inyanga ezintatu, kutabata kusuko lokuqala 1st December, 1891, kuye kolokugqibela 29th February, 1892, kuvahwe.

Bayaminywa ke bouke abanqwenela ukuba ngaba Bambi Zahlu kolu Manyano lukankanyiveyo ngentla. Kufunwa Abantsundu kupela. Inani elihlalelwa Isahlulo ngasinye kolu Manyano yi Ponti Enye (£1). Imali yamangeno yi Sheleni Enye (1/.) ngesahlulo sisinye. Zonke imali zamangeno zezokuhlala indleko. Bonke abafuna izahlulo kolu Manyano, mabayitumele imali nge Post Office Orders eziya kuhlulwa ku Mr. MOSES FOLEY, Port Elizabeth. Wonke umntu obamba Isahlulo wotunyelwa Isiqiniseko (Certificate) saso, kunye nepepa le Miteto.

QONDA.—Zonke incwadi ezitumela imali mazitwe Register. Secretary GEORGE A ROSS, Trustee MOSES D. FOLEY, t103 Treasurer PETER RWEUXU, Manager HENRY J. PHIPPS.

HOLMES-ROBERTS

AMAYEZA. AMAKULU ASE AFRIKA!

PILISA. MANGALISA.

Wokunyanga Amatumba, Ihashe Ukunchola kwe Qazi, Icesini eba- ngwa kukunyakama nazi zihlambo Amadlala, Izilonda, Igcushuwa, Iqhabanga, Isibindi, nezinye iziku- hlane ezikolisa ukhula amakaza- na.

IZASISO, 2/6 nge Bhotile, nge Posi 3/2

IXABISO, 2/6 nge Bhotile, nge Posi 3/2.

LENZELWA ABANINILO KUPELA NGO

JOHN GAUNT & CO., CHEMISTS, KING W. TOWN

ANOKUFUNYANWA KUBO BONKE ABAPITIKEZI-MEYEZA.

OLUKA

Gowie Uluhlu Lwezitjalo.

Luka DECEMBER.

AKA.

GAUNT

AMAFUTA EZILONDA, (OINTMENT.)

FLOWER BULBS.—Apo ama- sebe e Ranunculus, Anemones, Narcissus, Snowdrops, &c., ate afa, ingca- mbu mazincotilwe ngenyameko zom- swe emntuzini, zeke zibekwe kakuhle entlabinini, zigcinwe kwindawo epoli- leyo neyomileyo.

Imbewu Yentyantyambo.— I TENDER ANNUALS zisenokuhfwaye- Iwa. Iziziba eziyalweyo mazikuse- lwe elangeni.

IMBEWU ZEMIFUNO— Ezona Cauliflowers ne Kapetshu ezintle, zi- vela kwi mbewu chlawayelwe kwi nyanga ze Hlobo. I Cucumber, Ivalata, Marrow, Ama- tanga, Radish, Lettuce, Spinach, Imbo- tyi zama French, ne Ertysi, yonke lonto isenokufakwa enhlabeni.

W. & C GOWIE, GRAHAMSTOWN.

Addresses for Telegrams:—"Oatlands, Grahamstown."

IMALI EBOLEKWAYO

Ngeziziqiniseko Zemihlaba

IFUNYANWA KU

A. W. GIDDY,

Umteteli Ematyaleni, Umbhali Minqopiso Nolongisa Imicimbi Yemihlaba.

E CUMAKALA.

MR. JNO. GAUNT, Kingwilliamstown.

DEAR SIR,—Ndiyancoma kakulu Iyeza lako Lezilonda, njalo njalo, onditumele lona; ndaye ndiya kukubhengeza eko ngangoko ndinako.

Ndilisebenzise kupela intsuco ezimbini nobusuku bazo. Ekumangalisweni kwam okokulu kubhele kwako impawu zom- "necho" kobesifa. Ngawona Mafula alungileyo, nakupiliisa kungumangalis eziLondeni, njalo-njalo, endaka ndawabona.

Nceda unditumele kwakona enye ibhoki- sana, ndiyifumela omnye umntu okwa nezi- londa, nakuba zona zahlukile kwazowoku- qala. Owokuqala yena ngohlobo ezazimba. mbe ngalo ndandingatsho ukuba angabuye apile. Ubekeade esebenzisa Amayeza aba mhlope nawa Bantsundu; onke lomayeza akanceda Into. Nditi, ngapandle kwama- tandabuzo, iyeza lako lamneceda.

Manditabonele apo, owako otozamileyo u STEPHEN S. MDLIVA.

Ixabiso 1/, Ngeposi 1/2.

KWA KATA

KU YA KULAHLWA IWAKA (1000)

—LE—

Handkerchiefs ZESILIKA

Kumntu ngamnye ote watenga ngexabiso elinge- ngapantsi kwe SHELENI EZINTLANU (5), woti xa ete wakumema oko anikwe ibhaso le Handkerchief.

P.S.—Yizani kamsinya zingekade zipele.

W. O. CARTER & CO. Kingwilliamstown.

ISAZISO SIKI TIKOLOSHE.

NGXATSHOKE MZI ONTSUNDU!

UTIKOLOSHE uyawubulela umzi Ontsundu ngokumxuma kwawo. Uyawazisa okokuba akasanto nalamzi ka NGOMTI use Bhulorweni. Umf' omkulu yena selemise Ivenkile yake e Koneni, malunga ne Tyalike yama Wesile pambi kwe Ntango ze Fandesi, apo ke afukame kona NEZISULU ZAKE, njalo-njalo. Impabla ekona inxenye yayo Amakhuba, ngamani alula. Onoxesha Besali, bahleli bodwa, Amaxamba Eswekile no Kofu, nge nani elilula. Umgubo, nento Iyonke, Into Yonke Etyiwayo uhleli ena- yo, zizisulu. Ibhulukwe, Ibhathi njalo njalo, zoxoxesha, ziyalala. Ihlampe, Iminqwazi, Isali, Imikala.

Yizani kuzibone- la ngokwenu.

Iseyile ne Dyokwe, ne Miquokozo, ne Water-Fatyi, ne Tyeya, ne Planga.

Akukonto Ingekoyo.

A. J. Cross & Co.

E QONOE.

Amayeza ka Cook Abantsundu.

UMZI ONTSUNDU ucelelwa ukuba ukange- lise lamayeza abalulekileyo.

COOK OOK Iyeza Lesisu Nokukaza OOK Iyeza Lokukohlela (Lingamafuta), 1/6 ibotile. (Aka)

COOK OOK Amafuta EziLonda, 1/6 ibotile.

COOK OOK Iyeza Lepalo, 1/6 ibotile. Ezika Ijils, 1/ ngebokisana.

COOK OOK Incindi Yezinyo. 6d.n ebottle.

COOK OOK Umcimza Westepu Sabant- wana. 6d ngebottle.

COOK OOK Umgutyana Wamehlo. 6d ngesiqunyana.

COOK OOK Umcimza we Cesine. 1/6.

COOK Niqondise ukuba igama ngu

G. E. COOK, Chemist,

E QONOE.

uba ngawenkohliso angenalo igama lake



IZAZISO KWA BANTSUNDU.

ZEKOMKULU LASE KAPA.

ZISHICILELWA NGE GUNYA.

NGOLWESI-NE, DECEMBER 17, 1891.

THASHE LAKOMKULU LOHLOBO

'Sir Hercules'

Esase QUEENSTOWN.

ISAZISO SAKOMKULU.—No. 657, 1891
Office of the Commissioner of Crown Lands and Public Works, Cape of Good Hope, 7th August, 1891.

KUYAZISWA apa ukuba le Nkunzi ye Hashe u "Sir Hercules" ngoku ikwi Fam ka Mr. J. B. KETTLE, eyi "Thornlands," kufupi nase Mtonjeni (Kei Road), kulo mandla, ungesi Xesha Lokuzeka, laye Ixabiso lizi Ponti Ezimbini (£2) kwi Mazi nganye elite layizeka. Abafuna ukuzekisa bangaya kwi Ofisi ye Mantyi yalapa e Qouce. Umntu Fam. uyakubiza Ipeni Enye nge mini, ngehashe ngalinye elizokuzokiswa, ngencha efameyi yake.

B. H. HOLLAND, Imantyi.

Kwi Ofisi ye Mantyi, Kingwilliamstown, 27th Sept., 1891.

UMLIBO WALO.

U Sir Hercules, vol. vii, Ingwevu Ebonvu, iminyaka 5, ubude: 15 hands 3 inches; uyise, Norfolk Realty, 1316 u unina, ngowe nkunzi engu Shales, 740, ezalwa ngu Smuggler, 791, ozalwa ngu Black Shales, 84. U Norfolk Realty uyise ngu Reality, 665, (owatabata clona bhaso (Champion Cup) kwi Spring Shows zaso Islington ngo 1887 8), ozalwa ngu Confidence, 158, vide No. 2. U Norfolk Realty wafumana la mabhaso alandelayo: — Reserved London Show, 1885; 1st Warland Show, 1884. Unina ngoku Great Gun, 323, ozalwa ngu Performer, 552, nj do. nj do. U Sir Hercules ube lhashe lika B. Wurdale, wase Terring, ton, e King's Lynn. Elhashe yingwevu ebonvu entle, encenyama, embambo mhle ukalezayo. Yinkunzi entle kunene.

NGEMHLABA ESE CALA

ISAZISO.—No. 972, 1891.

Kwi Office Yompatiwa-Mihlaba ya Komkulu, ye Cape of Good Hope, 27 November, 1891.

EKUBENI u Rulumeni egqibe ukumisa ixesha malunga nemihlaba ebo icandelelwa abantsundu kwelaba Tembu, ecesantsi komda ekutiwa ngowabamhlope lokuba bayihlaleli imali yolocando mihlaba ejonge ekukupeni iziqiniseko zayo—kuyaziswa ke kubo bonke abalunge nalomihlaba ukuba abatanga barole £13 0 emnye pambi ko suku luka JUNE 33, 1892, bayakuyihlu. Iwa lomihlaba inikwe aboyifuna.

H. H. MCNAUGHTON, Umncedisi Mantyi.

NGOMHLABA USE HERSCHEL-

ISAZISO.—No. 154.

Kwi Ofisi yo Mpatiswa Kucanda, E Kapa, 19 October, 1891.

EKUBENI u Mr. J. M. Orpen enze isicelo, ngokuvunyelwa ngumda we 14th wo Mto No. 15 we 1887, ecela umhlatyana wakwa Rulumente onxulumene nowake, oku Mandla wase HERSCHEL, nanjengokuba lomhlaba umi ngohlobo omawuti ukutengiswa kwawo kubo ngendawo ezimisiwayo kulo Mto selukankanyiveyo. Ngoko ke, ngoku—umelana nomda we 15th kwa walowo Mto, kuyaziswa ukuba esosicelo siya kukangelwa ngu Rulumente ngolwesi TATU usuku, 20th JANUARY, 1892 Bonke ke abantu abanendawo ngesi sicelo mababhele kuyo le Ofisi pambi komhla lowo ukelweyo ngasentla, malunga nokasimangala mhlambuni nokuvumelana kwabo nesi- celo eso.

L. MARQUARD, Inkulu Yocando.

Unje Lomhlaba:

Ubunzani umnyela kwi 100 le mogolo; kwicala elingezantsi yi fam ekutiwa yi "Snowdon," ngenxa zonke uraulwe ngowa kwa Rulumente. Lomhlaba ke ukumandla wase Herschel.

Ololiwe baka Rulumeni,— Belase Mpumalanga.

IHOLIDE

Kresmesi ne Nibidyala, 1891-92-

Ngentengiso-Mhlaba e Herschel.

ISAZISO.—No. 147, 1891.

Kwi Office yono Canda, Capetown, 19 October, 1891.

EKUBENI u Mr. C. W. P. Cloete enze isicelo ngokommisselo wesiqeudu 14 so Mto No. 15 ka 1887 ngomhlatyana wakom- kulu unxulumene nowake okumandla wase Herschel: nakanjalo lomhlaba unokutengiswa ngokwezimiseko zalomteto ungentla: ngokoke ngokulungelelene nese 15 isigendu salomteto, kuyaziswa ukuba londawo u Rulumente uyakuyikangela ngolwesi-Tatu, 20 JUNE, 1892; bonke ke abantu abanento yokwenza nalomhlaba bangabhalala kule office pambi komhla lowo, ezoti zezo ncwadi zikangelwe ukulunga nokungalingi nesicelo eso.

L. MARQUABD, Uncanda Omkulu.

Ukucaciswa Kwalomhlaba. Ubunzani yi 200 mogolo, ngezantsi yifama eyi "Balloch," ngenasifan ngowakomkulu; ukumandla wase Herschel.

AMAYEZA

ADUME KUNENE,

KA

JESSE SHAW (U-Nogqala),

E-BHOFOLO.

Enziwa ngemiti ekula apa e South Africa kupela.

LAMAYEZA aya yalezwa kakulu ngumninwiwo, ngenxa yoku ngqinelana kwawo nezo zifo enzelwa zona; ngenxa yoku kaulera ukuba nceda oku ngawenzakalisi umzimba; ngenxa yobu- pantsi bexabiso lawo; ngenxa yokucekoka ekwe- niweni kwawo; ngenxa yokungabi nasikwa letyefu; nangenxa yokuba enziwe ngemifumo engqinwayo ukuba ingamayeza.

UMPILISI WENENE (The Sure Cure). Umcimza onganze ukukupilisi ukuluma kwe nyoka, nezinye imntu. ELONA (Specific). Elona yeza lesifo so Xaxazo lwe gazi nezinye izisu inkatazayo.

UM-AFRIKA (Africanum). Umcimza ongenzi xesha ukukupilisa Izinyo. UMFUNO 'YEZA (Herbal Tincture). Elingoyiswayo zingqangqambo zendlebe, neze bunzi, nokubeta kwentloko yonke.

UMHLAMBI 'LISO (Eye Lotion.) Oyena mpilisi wamehlo abulalayo. UMGEDI ORARAYO (Herbal Alkaline Aperient).

Eliqinisekileyo ukunceda ukungayi Ngasese, ukungantlali kudla, licesine nento ezinjalo. UHLIKHILA (Embrocation). Amafuta omi okupiliisa ukuqagamba komzimba, Ukuti- Nqi kwa malungu ukuzakaza, njalo, njalo.

UMDAMBISI (Soother). Amafuta omi okupiliisa ukutsha, ukutyabuka, ezinye.

UMNCWANE WESHLAHLA (Confaction of Rhubarb).

Incindi yoku gada iziswana ezikatazayo zentsana, nesabantwana.

UMATINTELA (Antispasmodic).

Umcimza, wokupiliisa ukunjelwa nezitepu nezinye inkatazo.

UMOMELEZI WASE INDIYA (Indian Tonic).

Iyeza elilunge kunene kwizifo zokuba batataka, nokungantlali nto ityanyayo.

UBUGQI Magic Healer.

Amafuta akupiliisa msinyane ukusikwa nezilonda njalo njalo.

IGUDISA (Emollientine).

Into elunge kunene etanjiswayo ebenza bubebu- hle bugude ubuso.

UMGUTYANA (The Powder).

Lisetyenziswa neli kutiwa "Lelona" xa isifo sokunamba igazi sendlele.

Izalitiso zendlela yoku wasebenzisa zishicilelwe nokuzisikelelyo zatitwa na kwi bhoflana nezi- toflana ngazinye, eziti zakulandela ngokufuze- kileyo akaze angupiliisa lamayeza. Ngekunabikho kava, mandlu, namhambuni ungenawo lamayeza esi- rwece sokulumelela okungekheleli. Akandwa onziwa ngu JESSE SHAW, Igqira elisebenza ngeniciza, e Bhofole, atengiswa nguye nge bhokisi nange Bhotile namangosa ake kwi- nkoliso yedolophu zale Koloni yonke, e Natal, e Free State, e Transvaal, nase Indiya.

AMAGOSA ALAMAYEZA—

E Qouce—Dyer & Dyer, Malcomess & Co., D Drummond A Co.

E Ngqamakwa—Mrs. Savage.

E Moni—B. G. Lennon & Co.

E Rini-E. Wells.

E Dikeni—R. Stocks.

E Komani—Mager & Marsh.

E Bhayi—B. G. Lennon & Co.

Engqusha—W. A. Young, E q.

Ikaaya lawo o Fort Beaufort kwa Nogqala.

ISEBENZA NGOBUGQI

-RHEUMATICURO!

IYEZA ELIKULU LASE SOUTH AFRICA.



Alikaze lingatqelwe kupilisa Izifo Zamatambo, Isinqe, ingqaqambo Zentloko.

Lingqinwe ngamawaka.

Umenzi walo kupela ngu

J. JONES, Cape Town.

LINOKUTENGWA NAPINA.

ELIKA

ORSMOND IYEZA ELIKULU

LASE AFRIKA.

Yincindi yengcambu zemiti yeli lizwe.

UMPILISI WEZILWELWE

Ezibangwa kungcola kwe Gazi, nokuba sibha bumini, ukule naso, nokuba sihle ngayipina' indlela, ezinjenge Hashe, izifo ezise Lufe- leni, Ukujaduka, Ukuti nqi kwe sisu, Izifo ezice Mbilini, Ubutataka Intswela butongo, Ubutataka be ngqondo, Izifo zesi Fuba, nent' emnizi yezilwelwe zama Nkazana, njalo, njalo.

Kangela Encwadini abapilisiweyo nendle- la elisetyenziswa ngazo, zibhalwe ngesi Ngesi, Jeimeni, si Bhulu nesi Xhosa.

Emva kokuli sebenzisa ixesha elide sele, namaya amaninzi umninilo, uliyaleza nge- ngqiniseko eliyenza ukuba livayi pilisa inko- liso yezifo zabantsundu base Afrika, kwa- nale Fiva (cesina) yase Dayimani, kona kwesi sifo sabantu abamnyama livi ngobo. Kawulinge please. Lishipu, ibhotile zi- sheleni zontu, izele Iyeza elinga tata intsu- ku ezilishimu. Ibhotele nganye ihamba ne- ncwadi ene neto yesi Xhosa. Lilungiselelwa umninilo kupela ngu

G. E. COOK,

KING WILLIAM'S TOWN,

linoku zuzwa kwinkoliso yaba gcini mayeza kuyo yonke Ikoloni.

Printed for the Proprietor, J. TENGO-JABAVU, by HAY BROTHERS, Smith Street, King Williamstown.

Extra to "Imvo Zabantsundu," December 17th, 1891.

Pilisa KA Bangalisa

HOLMES-ROBERTS

Umciza Omkulu wase Afrika.

PILISA : Lelona liyintloko, ekucokiseni igazi.

UKUBEKA pambi komzi lemiciza ikankanywa ngasentla, abenzi bayo, banya- nisekile, okokuba yolungela indidi zonke zabantu ukuba izincede, kwezizifo zikankanyiweyo. Yinto eyazeka kunene, kubo bonke abemi base Afrika, ukuba eli- lizwe linengcambu,, ekungekuko ukungxengelela ukuti, zingcambu ezingummanga- liso. Ukulunga kwazo kwaziwa yinxenye kwabantsundu, kuxa kupela, ubulumko, nengqondo yamangesi bufikelele ekubeni buwazi, ukuze kuzaliseke ukulunga noku- pilisa kwazo.

Abaninzi kuwenza bafuna ukwazisa ukuba lamayeza enziwa ngengcambu zase Afrika, nakuba, kokokuqala ebikwa pambi komzi, seleneminyaka esetyenziswa, epilisa ubulwelwe, obungangeminyaka elishumi.

Kungokutenjwa kwawo lento abekwa pambi komzi, ongaba unobobulwelwe bukankanyiweyo.

Sekuyiminyaka emininzi ete lemiciza, yalingwa, yasetyenziswa pantsi, ko- kongameli, kwa-Magqira, Okuninzi okutetwayo ngawo kube Sekuqondeni kwa Magqira lawo.

“ PILISA ” Ngumciza nendlela ezingummangaliso zokucokisa igazi, usetyenziswa, kwinto ezinje, ngo Quilikwana, noku-Dumba, noku Jaduka Nezilonda, Kunjalo nje akazange angancedi kwezonto, ezidla ngokuti zibenze ’’bufutshane - ubomi’ babafazi, Abadala, Nabatsha, Icesina, yase, Dayimani, Nezifo Zesibindi.

“ MANGALISA, ” Lomciza ngokwenene ungummangaliso ukusebenza kwawo “ ukupilisa Isifuba ”

Ngalenteto into eninzi yocinga ukuba Siyazingca, kodwa. akunjalo kuba oko kuteta kuse kwe enyanisweni, ete nqi.

Ngamazwi, enene elingu Gqira, okaya likule Koloni, ote wayiqonda lemiciza icebo lake lingapezulu kwento zonke. Lemiciza ipilisa isifuba Sisamqala umntu, naxa Sesisidala, itintela ukububa Komntu Msinya, xakutetwa ngayo, nokusebenza kwayo, Sicinga okokuba yeyona miciza, yamapapu, nokuba aselesonakala, iyawunceda.

Ukugqiba mzi, nazo ke indlela zokupilisa kwayo lemiciza, endizibeka pambi kwenu. Abenzi bayo lemiciza, nakuba kuko ukungakolwa kumayeza, batabate eyona ndlela ikapukapu, kwabo basezintlungwini, ukuze ifunyanwe zizo zonke indidi, yimi- ciza abakolelwayo kanye kuyo; ukuba yobenza ubomi bube mnandi, kubantu ebekuya- kuti ukuba lemiciza ibingeko bube bufutshane.

*Lemiciza itengiswa nge Botile, inye 2/6, xa itunyelwa nge Posi 3/2.
Ingafunyanwa kubo bonke abaniki Miciza, Mhlaumbi kumini kuyenza.*

Yenziwa kupela ngu
JOHN GAUNT & CO.,
UMNIKI MICIZA, ...
E-QONCE, KING WILLIAMS TOWN.

U-FOLOKOCO

NGOKU AKATENGELI UYADYARAZA I

BANTSUNDU! BANTSUNDU!

NINA BASE

CALA NABESOSITHILI,

NANZO IGUTINYUZI.

U-FOLOKOCO (Pascoe) wase QONCE

UVULE IVENKILE ENKULU

Leyo ibisakuba yeka WEBB, kwibala le Mariki. Manibe Nilungisa

Amehlo. Impahla Entsha Iyeza.

KUNI BALUNGE

E-MONTI NAKWESOSITHILI!

NIHLALEL UKUWELWA LITAMSANQA,

U-FOLOKOCO (PASCOE) UYAKUVULA PAKATI KWENU EKUPHELENI KUBA OCTOBER, UYA

kuvula lovenkile ingakweyehlangu yo SMALE & Co.

OXFORD STREET.

Kwezindawo uyakuqhalala ofani-ngofani bempahla engokanga yabonwa

E-CALA nase ZILANDANA- Efikile u FOLOKOCO ayeihla kwaoko amanani empahla "shap, too."

Pakati kwako konke oku kugilana ninga mlilali apo

akona EQONCE

Apo nombona ngokwake (salufu).

NGE ZANTSI KWE TYALIKE YE ZIKOTSHI,

IZIVATO ZEMITSHATO!

GIBBERD & BRYANT

Izivato ze Satin emhlope 35s.
Izivato ezimhlope ze Brocade Satin 40s.
Ezi - Pink nezi - Blue zokumthi- ntsha 25s.
I Satin Emhlope 9d., 1s, 1s. 6d. iyadiI Brocaded Satin Emhlope 1s. 6d., 2s., 2s.
6d.
Ebonvu ne Blowu i Brocaded Satin.
Emhlope i Brocaded Satin 6d., 9d.
I Muslin enemigca emhlope 6d., 1s.

Qondani.: INGUBO ZOKUTSHATA ne-ZOKUTSHINTSHA ziyenziwa xa ziodolweyo,

I Chemises Ezitrinywe nge lesi I/- Izihlangu Zekid Ezimhlope.

Izihlangu Zekid 4/-, Ezibotshwa ngemitya 5/-

GIBBERD & BRYANT.

ZIHLOBO EZIMNYAMA.

NANTSINTO:

U GRUBB, wase GCUWA,

USAND' ukuvela E-Qonce apo ebeketa inyambalala yemimangaliso :—

PULAPULANI

Isatini Emhlope, ISIHOMBO SOKUTSHATA kuvu ne veil namagqabi 40/ (iponti ezindiyanda).
Izanga ZETYALI, IPRINTI, (uyeva na?) Izihla- ngu, Zamaleli. Ishuzi, i Under Linen, ne Minqazi Yokusutha.
Ezangane INGUBO ZOKUTSHATA—zinoku odolwa zizungwe.
INGUBO ZABAFUNDISI Ziyenziwa, IZIHLANGU. re SHUZI Zamadoda, AMAQINA, ne HEMPE.IBHATYI, IMITIKA, IBHULUKWE (ningabali- bali Onzoz).
QONDA—Ningazilihali IZIHLANGU ezizitende zide zokubeta "Unomatshi."
IBHATYI ZETENIS, kwane Hempe zayo.
IKOFU, ISWIKILA, ITI.
IMPAHLA YONKE YABAREYISHI.
Ningawililali kanjalo Amayeza ka GRUBB Ezifo Zonke.

©'IMPAHLA ENGABA AYIBALWANGA YIBUZE, WOYIFUMANA

T. E. GRUBB, Butterworth,

Ivenki Etengela ngamanani ase Qonce. YIZANI KUYILINGA.

VV. J. WYNNE,

EDWARD T. JONES,

(Obefudula ekwa Attorney R. W. ROSE-INNES.)

Umteteleli Ematyaleni,

UMBHALI-MINQOPISO,

UNGU MTETELI-MATYALA,

Umbhali we Mvumelwano, no Mququli-Magama Etaitile.

EDIKENI.

Amatyala uyakuwateta xa Suku-ba ihleli Imantyi

E KOKSTAD,

EAST GRIQUALAND.

EXESI NAKWA QOBOQOBO.

INKUNZI YEHASHI EBOMVU ; ipakati kweminyaka emihlanu nemitandatu ; lile apa pezu kwamahlaza lane coko kanye, umhlambu omnye angati Alina skeme! Lalahleka Embukiso, Alina lupawa konke na ngapandle kwecoko elo. Icaza zingapezu kwesibhozo lilahlekile. Umntu olandisayo aze atomele ku Mhleli we MTO. SAMUEL MAHLUBI, Qamnyana, Breakfas'vlei. 21712

Transkeian Teachers' Association.
ENTLANGANISO iyakuhlalanga ngo 20th JANUARY, 1892, e Ndakana. Amalungu kungaluvuyi eko onke. I Committee yohlangana yona ngobusuku obungapambi kobo.P. S. LUSASENI,
Secretary.

Ndakana, December 7, 1891.

P. S. JEFFREY,

Umtengisi Wentu Yonke,

NOTENGA KONKE OKUTENGISWAYO,

E - KAMASTONE,

UNOLANGAZELELO lokunga angazisa abemi be Hewu lonke—be Kamastone ne Oxkraal ukuba uchophele ukutenga uboya begusha uboya bebhokwe. Izikumba nga- manani aphezulu arolwayo napina.
Ofani ngofani bempahla bahleli beko nga-maxabiso ngekalnzweywo nangubani.
Wapulewa kakulu oze kutenga epete imali.

Lomzi ubalulekile ngokutengisa, kwinto eninzi etengiswayo ITALI EZINTLE. IBHULUKWE ZEKODI ezihlala kakuhle, zingqingwa, akuko zinokuzigqita. IZI- HLANGU EZILUSHICA. KWI SWIKILA NE KOFU, njalo njalo, ntengisa ezona. ICUBA LEBHULU ELILUNGILEYO. IKELEKO ye 6d. iyadi ayichukunywiswe nto.

Abanento yokutenga neyokutengisa baya- kuba basenzenisa ubulumko ukuke beze apa ngapambi kokuba baye kwezinye indawo nemali yabo kwanoboya babo.

P. S. JEFFREY,

E-KAMASTONE.

I CONCERT E DUTYWA.

Nae 25th DECEMBER, naobusuku be

I QELA Labavumi bakwa Nomaheya, Ingamakwe, Iyva kuvuma kwi Jubilee Hall, Idutywa. Eliqela loba 10; limi ngoluhlobo: amanenkazi 5, amanene 5. Eliqela lipetwe ngu Mr. Jos. Jno. Sikwebu. Abatandayo bangenza kuvela imisebenzi yeli Pesheya kwe Neiba. Ingoma zoba ntlanu nbini: eze composition yo Mpati, neze newadi. I Programme yobonakala mva.

KO-TITSHALA.

KUYAFUNWA U Teacher one certificate esikolweni sate Wartburg, ekuqaleni kwe Quarter yokuqala ka 1892. Owufunayo lomsebenzi makazibike kumfundisi wakona, u

REV. AD. HOPPE,

Lutheran Minister.

Wartburg School,
Toise River.

Idindala ne Sibonda.

E WEST BANK LOCATION (e Monti), kufunwa umntu wokuba Sisibonda ne Dindala. Indawo leyovuleka de kube yi 26 December, 1891. Owufunayo umsebenzi lowo makutumele amapepa esimilo; kanjalo makabe nako ukubhala nokulesa. Ngencazelo malunga nomsebenzi, nomvuzo, kubhalalelwa ku

P. H. POTTER, Esq., Inspector
Locations, East London.

BONISANI UMNTU.

NDICELA amehlo kuye wonke ubani onako ukundazisa. Umfana ka Mr. David Masingata Mto ubeni wenka apa ngo 1889 esiya e Kimberley, ke ngoku iminyaka mibini kungasavakali nto ngaye. Igama lake ngn WILLIAM MTOMBEMI. Ubudala baka, 19 iminyaka. Onokundilandisa wo zisa ku Mhleli. Ndingu,

Jos. D. MTOMBEMI.

Engotini, Whittlesea,
December 7, 1891

32112

Ihashe Lilahlekile!

IHASHEKAZI ELIBOMVU sekunyanga imibini lilahlekile, linomthixo enyongeni kwicala lase kohlo, kwindlebe yokholo lipalulewe ngenxa zombini, kwincam yendlebe yacandwa, kwinqina lasemva kwelase kohlo linebala elimhlope esitendeni; kwindlebe yokunene kutiwe eipu mayela kufupi enca. mni kwacandwa, kutababela emsileni lude kuzo esalini linomkokose, engokutsiwa li nkone ukuba yinkomo. Sibhekazi esimala hleza makulu, esintamo inde; itshoba lalo lide alilikulu, litive cupe kancinane encamini angeliqondiyi umntu ekude. I kange-lise impi yangase Dutywa nase Mtata MGANU MNGQIBISA.

wesika Ngabaza,
c/o R. J. Dick, Esq.,
Special Magistrate,
King williamstown.

Inkonzo Zokuvulwa kwe Tyarike

YASE

LADYLOCH (INDWANA), Ziqala ngolwesi NE, DECEMBER 31, KUDE KUBE NGE Cawa, January 3, 1892 ONKE abantu bayacelwa ukuba babeko.

IMBIKO.

SOGAISE.—E Sauvieuille (Cwuru), Peddie, ngo 7 DECEMBER, 1891, kusitela kukufu u LYDIA SOGAISE, intombi ebizandwa luma-Iwane, yicesine. Abahlolob mabamkele lombiko.

KESWA.—Etateni, King williamstown, ngo 12 December, 1891, kusweleke ngesifo solilo usana, igama ngu SAMUEL, luka Charles no Mary Keswa. Ubudala belunyanga 4, nentsuku 7. Abahlolob abamgama mabasebamsakela lombiko.

Kwabafunde Ishishini.

Kufuneka udodana olufunde i Shishini LOKWAKA NOKU-CWELA (Carpenters and Masons), kwa NABENZIT-ZITENA (Brick-makers).
Owufunayo lomsebenzi makabahlale, axele no Mvuzo angawufunayo ko

William H. Mbenya & Co,

CARPENTERS & BUILDERS,

FORT SALISBURY,

British Mashonaland.

Ingqungqutela yaba Ntsundu,

(NATIVE ASSOCIATION.)

NGO Mto we Ntlanganiso Yomzi eyayi kwa Lose, Panti kwa-Mahlali, ngo 19 June, 1890, ndiyazisa okokuba ikomiti iwugqibise umsebenzi eyayinikelewe Ngumzi, nokokuba imisa usuku lwe 30 DECEMBER, 1891, okokuba kurokuviva ingxelo yayo e QONCE apa, ngolwesi TATU evekini.

J. TUNYISWA,

Chairman of
Committee.

ISAZISO NGO GQIRA.

UDR. WALKER, ekubeni ebuye walatela ukuba yi District Surgeon yase Keiskama Hoek, bonke abamfunaayo ba no kumfumana imihla yonke emzini wake e Keiskama Hoek, obufudula umgoka Dr. CLIFTON, kufupi ne Lower Drift.

Ndicela Amehlo Mzi.

NGO Bawo Mkuu u JUDDA SMITH, Izizi lakwa Dlamini, nokuba ngonyana na baka. Ndiibhekisa Pesheya kwe Neiba Ndamqibela ngo 1872. Ondilandisileyo apo bakona ndombulela ngokugqitileyo.

JAS. A. SMITH,
Cathcart, December 3, 1891.

Iveki.

Umteto we bu la uya kuqala ukuba njiswa e Herschel ekuveleni konyaka.

Kutiwa lololwe uqakamshela oya e Dayimani noya e Aliwal, angavulwa ngo 18 January, 1892.

U Mr. Mellwraith ubuye walatela kwisihlalo sokuba yinkulu yabalauli bomzi wase Bai ngalonyaka ungenayo.

Umcazi-Mteto wombuso u Hon. J. Rose-Innes, Q.C., M.L.A., ufike ukuvela e England ngolwesi-Bini Iwaleveki.

Inkumbi zilandelwe ngumqikela kwe-lizepulu malungana nama Aliwal noma Colesberg. Ke zabanwa zipapa ezona nkumbi e Cradock, azawa esixekweni.

Umlungu ongu Arnold, obe ngunigci- ni wetola e Six Mile Drift, kwelase Transvaal, ute akukutshwa kweso siko- lobo suka wazibulala ngoburalarume ububi.

Ezizela kwa Zulu zezokuba abantu kwelo bonwabale, bayalima. Into ekoyo kuvalelwa kwabasuka kwicala langase Natal abafuna, ukuba baye kuba nga- bemu bakona.

Kumzi oyi Louisville, e Amerika, kutshe isiqingqata sipela somzi, abantu abafikeyo basankanyelwa eshunini, abanye benzakele kutsiba bebekwezepe- zulu ikambile.

Siva ukuba n Mr. Sidzumo, utitshala wesikolo sase Wesile sase Qonce uswelekelwa lihahlelake elilunge kunene ngetuba lemibungu, emayibe iyawu- qala umsebenzi wayo ombi apa e Qonce.

U Hon. J. W. Sauer, M.L.A., Umpatiswa-Koloni embusweni lo ukoyo ngoku, no Hon. J. H. Hofmeyr, M.L.A., bebekangelwe ukuba babeko kwisidlo se Bontu pezulu e Komani.

Kunconywa umkuhlane wecesine e Kinterton ngase Pretoria womfundisi u Rev. Owen Watkins, eyintloko ye Ba- ndla le Wesile kwelizinga e Transvaal. Kakade impi iyakumela ngentliziyo.

Ibulu lase Transvaal elingu Prinsloo libulewe sicaka salo esimnyama. Isizekabi libe lite ngapambili lize ubu- gwezisa bokuposa endlwaneni yehangu usana lomfo lowo, ezite zona zaludla, Iwafa.

Kuko ifama ngase Kokstad elatshiswa ngamanye ngomlilo edlala, lafa. Bali-gale ngapalafine, suka bafaka umlilo. Igama lalo ngu Datoni ; abalingane no Madondile, no Mateni, no Vepnar. Ali- ndiselwe i Jaji.

Ike yabukuqeka ikari ye posi ebaleka pakati kwe Bofolo ne Nyara. Ibhambana ngobusuku kumnyama ngokungateki- kyo. Akubangako siganeko nakubeni bekuko abahambi abakwelewo, ngapaya kokuvuka bemarkinirongo ludaka.

Ngolwesi Tatu Iwegqitileyo indodana emhlope engu John O'Connell iye ngequbuliso. Ite ibe ibamba nentombi e Military Road yehliwa yintloko engu- mangaliso ede yahlala pantsi; wati wayayo esagithisima ukuya kuclala uncedo wayeyefika u Dr. Uppleby, kanti sekusemva—uselwa seluhlazile.

E New York kwelase Amerika kuxe- Iwa czurrnet ongene kwi ofisi yesityebi esingu Russel Sage wacela inyambalala yemali, ate akuba engayinika suka wambulizela nge bomb endanemate edubule yalitoyobo e ofisini, kwafa ababali ababini kwakunye nomenzi wentolelo. U Mr. Sage wangxweleraka kancinane.

Kumahlulo wase Cradock kute ngesipango esibe siko kwabetwa. ngumbane indodana engu Piet van Heerden kwi fam ka Mr. John Collett. Ibhifuna igusha endle, kwahlwa ingabuyanga. Kupunywe kwayiya kufunwa, ifunye- nwe seyibanda nehahse ebilikwele lifile, kwabehla kwabonakala ukuba zizenzo zombane.

Imvo Zabantsundu

NGOLWESI-NE. DEC. 17, 1891

KUMANENE ABENDIBHALELE.

ZIHLOBO EZITANDEKILE- YO. — Ndiyaqonda ukuba andisakuba nako ukuzipendula nganye incwadi nenteto zomlomo ngalento ipakanyiswa ngoka TUNYISWA nowabo bati "yingqungqutela yomzi ontsundu." Kwabebe bhekise imibuzo yokuba ndinanto ndiyazi- yona ngalento, ndibona kuyimfanelo ukuba ndenze impendulo enye epepeni yokuba ; Andiyazi, ndingengowayo; kunjalo nje andingayo.

Andimchasi wazintlanganiso uku- hlala oku kwam ; kodwa ezintla- nganiseni kuko ezilungileyo, ku- kwako nezinalungileyo, ekufuneka ezikhetele- ke umntu. Namke ma- yelana nale ndizinyulele endizinyu- lele kona.

Abantu abamgama nalom 'bindi ndikuwo bangaba abawazi umoya orara, wokungavaui oseloko uko pakati kododana Iwakowetu. 'Mba- ngi yalompunga ayiqondakali; kodwa uko — uyavakala nasemzi- mbeni. Kekaloku awam amava, kwanemfundo yamabali abhalwe ezincwadini — ezonto zindiqondisa ngokubaleleyo ukuba intlanganiso yabantu abaluvu lungajonge ntweni 'nye; baye befihlelene uluvo — ngazwinye abantu abangazaniyo, abangavaniyo, nabangavisaniyo: abantwani yokubancedu ababantu ukubahlanganisa, kubenza ukuba

bafudumalelane ngakumbi ngaku- mbi; nengxoko yabo ingabi yepo- lilayo; ibe yinto yamagqudu. Mna ke, ndiyibona mblope nje lonto kweyam ingqondo, ndingaxolela ukuba kubeko intlanganiso ezimbini nokuba zintatu zabantu abamphu- nga mnye, bezamela ntoneye, ku- nokuba kwenziwe umgandwi waban- tu abanezigquru omnye ngakom- nye, beqoboshelene uluvo, bexoki- sana ngamazwi omhlomo Zidubuli zodwa. nokudalwa kwamahlelo, into enkulindelwa kwi ngqungqutela enjalo. Kungasuka kube lusizi kupela, kotanda ibala lakowabo njengam, ukubona amawetu egaxe- leke kulawo makandandilile ; ndibe kodwa ndingena kunceda xa esenza into yangabom, engena entweni engena kupumela kukumbi ngapandle kokuchita umanyano hventli- zijo obeluyileka pakati komzi wa- kowetu.

Ukutsho ke, ndinga amahlelo abendibhalele, nabanye abebense imibuzo ngendawo endikuyo ma- yelana nalento, bangatabata lama- nqaku njengempendulo yemibuzo yabo. Owenu kanye, J. TENGO-JABAVU.
December, 1891.

IMBAMBANO NGEYOTI.

INTO yokungena kwabantsundu evotini kulomandla wase Qonce isengxoweni eshushu kwipepa eliyi Watchman labamhlope. Isizekabani yinteto ka Mr. R. J. CROWE (Ubhobho), ayibhale ngendlela yokuzipendulela kwebikwapepa le Mvo, ate xa enjenjalo wagxeka amatyala anyakomnye (voti, esiti u Mr. CHALMERS wavuma ukulutwa ngabantu abantsundu wangenisa abantu abangenamfanelo; wamkela ubu- ngqina buka Mr. BROSTER ngemi- blaba nezindlu angazibonanga; ngapezu kokuba u Mr. CHALMERS wayechotshelwe ngu Mr. TENGO-JABAVU. Utshoke umana ka CROWE ukuzitetelela kwisenzo sokungam- keli abantu abaye begwetyelwe ngenx' engapambili ngu Mr. CHALMERS. Ebonise ukuswela inene kwalenteto u Mr. TENGO-JABAVU kwakwi Watchman, kusuke kwavuka utuli olumbhoxo lwenteto kwakwelipepa ekude kwatelela no Mhleli waloo ngokwake. Ngazwinye yinteto eyalata ukuba mayibe yosele impendulo emfutshane ebibhekisi- we, olutuli lwenteto lulolokufihla inyaniso. Kunteto ewileyo kuko inkozo ezinganye zento ezivakalayo.

Ilike i Watchman ingene kwinxam- mleko yokulanda abantu abange- neyo evotini ngelixesha ; ifumene ukuba, zingekafinyeleli iziqingqata so Messrs. LANDREY (Emtonjeni nase Ncemeru) no STRATFORD (ngase Mkgangiso), abamhlope ba 1,381, baye abamnyama be 688; kuseko amabango abantsundu ahlalele u- kuvuwa ngu Mantyi—imani lawo liku 244. Impi yase Tyume seyiba- balwelwa e Dikeni. Kuyo kuvakala ukuba ba 144 abaya kufuneka ku mantyi wase Dikeni ukumisa ama- bango angamkelwanga yi Felkornet. I Watchman inesiroro ngokungena kwempi yakwa Lose eti ingeniswe ngu Mr. ALEXANDER MABONA, ote inemfanelo ingenayo, ide iti kufu- neka epetwe ngomteto u Mr. MABONA. Kade zizoyikiso nje ezonto.

Umzi uyakuvuyisa ukuba ukuba kuyaququzelwa ngu Mpatishiwa- Micimbi ye Liso Mnti wase Qonce ukuba baze babe nombuzeli pambi ko Mantyi Abantsundu apa nase Dikeni. Kuyavakala ukuba ama- gwangqa azintshaba ayashukuma nawo kwelawo icala, kodwa akucacile ukuba ayakubambela eninina. Kodwa kuyakufuneka ete onke amahlelo anabantu abayakunqwe- nelwa ngu Mantyi ngamabango, kwanabebengenise amapepa ezibhe- no kwi Felkornet, bazise ku Mr. TENGO-JABAVU, Kingwilliamstown, ngokungwenelwa kwabo ukuze kulu- ngiselelewe kakuhle ukuteta. Amatyala ka Mantyi angahlala mayelana napakati kwenyanga yokuqala konyaka. Unga ke umzi ungaba uyityisa lendawo; uze uyimele ngokwamadoda angoyiki nto pantsi kombuso wabo we Nkosazana ongenakhethe wona.

Amacapaza.

Isishicilelo sase Love- INTETO dale sitabete ibakala ZONCEDO. elincomekayo lokuku- pa intetwana zoncedo ngenteto yesi Xosa esekumzuzu ziko ku ma-Ngesi ekutiwa zi Tracts. Eyoku- qala ibalwe ngu Rev. Dr. Soga " ngezi- tanda Bumnyama." Iyinteto yobuciko; engade incanise ukulunga iye kri - swa kwimbuto zabantu bakowetu aba- bomvu ngamadodana ahambisa Iizwi. Sicinga ukuyifumanela isitaba kwi " Bala Elifundisayo."

Kwa elokuqala ibaka- UKUBANGWA lina mavelana nokupa- KOMHLABA nda umcimbi wokuta- ENGUSHWA. tyatwa komhlaba kwe sika Tyefu Engushwa litilwe ukuba inteto ayimi ndaweninye kwakubapatiswa abase Ngqushwa ku- ngekabokiswa e Kapa. Umantyi uti yinkosi yamahlati eyenze umda; inkosi yamahlati ifike seyinda ukuyo kakade. Yilonto ke; ekungebe nguwo umanga- liso kul'i ite ukuhlambulaka kwayo ayabi kuhlutwa kwamhlaba mpelampe- la. Akuyekiwe ke noko ukupandwa ngabo ote umzi wazuyekela ukubomsebenzi.

Kuko incwadi esizifu- ISILILO mene kubahlobo beta SASE HERSHEL abase Herschel eziva- NGOMHLABA. kalisa amacebo okugi- nyelwa- kwesiqingqata somhlaba wezizwe ezintsundu ezimele elozwe ngamafama amhlope. Kufuneka amagosa entlanganiso eli Liso Lomzi ete ama ngenyawa kwa isaqala nje lento ayicase ngokubekisa incwadi ku Rulu- meni; ayinakuma. Kwimihlati yeza- zizo za Komkulu kwi Mvo yanamhla kuko isaziso so Ncanda Omkulu ngo- mhlaba aziketele wona u Mr. Cloete (Kuluta) Ibulu, ongati ukawuko wase Herschel, ekutiwa ukuba kwako nito ipikayo uya kutengiswa ku Kuluta, lowo. Omnye ukakanyelwa u Mr. J. M. Orpen. Mawayindwebele into leyo amadodana ayenzele amacebo asentloko okuyinqanda.

Undaba-mlonyeni ku- mzi omhlope—ngoku-

ihLAZO mnye kubabali—omele eli, kufunyanwa kwempahla ebhweyo ezigusha zamafama kunzi wesikolo sase Mgwali (wakwa Ngqika). U John Mtyene ute selenkwe iminyaka emibini ngegusha nganye azibe knmafama ama- bini, wasondezwa ngetyala lamashumi amabini anantlanu egusha ekutiwa uzi- be ku Mr. Percy Gaylard ; ngelo ityala uvavanyelwa i Jaji. U Qageni unkwike unyaka kwangobusela begusha. Ama- nye amadoda amabini apantsi kwemi- buzo ngezinye. Lento isivisa ububi obukulu; kuba namhla kuvuyelwa kwetu zintshaba. Sekuvuyelwa kuba izizo; ngetuba lokuba bezinegamaizikolo lokuba asaziwa kuzo isivo sobusela bempahla ; awaka wada waxaka intla- nganiso umfi u Mr. Irvine kudala ngo- kubuza ukuba baka bevana kusitiwa kuko umkondo wempahla ebhweyo oke waya esikolweni. Lomni yasikwa um- lomo inkoku. Namhla zilahlakele lelogama izikolo ngesisenzo sixelwa Emgwali.

Kuyimihlati emikubi ASHIYANA kuti ukukankanya. eli- NGOTYEFEZO. nye inqaman elalata ukuhluma kwamawe- tu. Libonakele ngase Cradock. Kuko isiko kulomandla lokutengisa nge Tola okwesituba sonyaka; kumyoli kuti ukuti kweliko intengiso kweziveki zi- gqitileyo kwelele ama Afrika amatatu alimela igama lomzi esingwo ngendlela. efanele ukudunyiswa ngumzi upela. Sitsho kuba elona xabiso likulu nge Tola eliroliweyo kulomomiso libitwe yi Netevu u Mr. Piet Guzana otenge i Tola eyi Kafirsleege nge £260. Lomumzu- na simazi esese Healdtown, waranugela kwelo langapakati kudala wafika walu- ngelwa esivuya naye. 'Ndawana inga- qgibebele kanye kokwetu ukuvuya kukuba engemtabati we Mvo. Erolfwele ixabiso elilandela elo le £199 itengwe ngumhlobo wetu omdala u Air. John Bull Makanana, esivuyisiweyo kukubo- na ukuba naye umi njengendoda emise- benzini yenene; yena utenge eyase Moordeenaar's Nek. Eyase Maraisluit iwe ku Mr. Booi Kwaza nge £50. Siya- kolwa ukuba akusiloli ixesha lokuqala ewuquba lomsebenzi lamadoda. Nanzo indlela zokubela uhlanga—kuyekwa. kweneteto suke kuquitywe ngezzenzo ezi- hle.

IZINTSONKOTO ZAMAQALO.

[WAUCHOPE.]

NO. 10.

Lovedale.

ISALA KUTYELWA SABONA NGOMOPO.

Savela kusitshwabo; kutiwa lamazwi inane akazange angaba nganani. Kwa- kutshwabo nako Zulu, nase Mbo, apo eliqhalo lavela kona. Atinina lamazwi mane. Ati lamntu uti kutetwa, kunga- ndwa, kuyalwa abe epiklele ukwenza lonto wozé ahlangane nesihlangani, afunzwe ngezika mfiyo abone ngompo— setemagazana. Ati, iti nokuba like wa- xwileka ngumandlo umye ote wakalima wati—tze! Ati yiti noko waziyo ukuba woniwe, ubalekilewe, uze ukutshwa ngesondo lengubo, ziwe ingalo zako, axibelekele amapetelo, ulale umnyele. Ati 'msukuti okona kuphelele abantu kuwe befuna ukukutiba, nokukunganda, no- kukuphisa, kube kokona ngati uyafu- nzwa; kube kokona ngati uyayeyezelelwe. Ati nokuba uboya kulungelelwa ukuba ubuya kupumelela, betitelle nto abantu yapuka kufupi.

Lamazwi ebeyinene kusagqitywa inka- ni ngeninqayi. Akana nene

ELIPEPA LIPUMA
NGOLWESI-NE
IVEKI ZONKE.
Lijonge Ilungelo Lomzi
kupela.
Limele imfanelo ya Ba-
ntsundu ngapandle
koloyiko.
Alicauli Sizwe nalu Nqulo.

Imvo Zabantsundu

(NATIVE OPINION)

Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories.

Lirolelwa 3/6 nge Kwata-
(itunyelwa ingekapeli 4s ipele i
Kwata ingaro- Iwanga.

Unokuhlaulelwa wonke Unya
ka ekulaleni kwawo nge 13s
6d.

Izaziso Zabazelweyo,
Abatshatshelwano, Nembi-
koko, irolelwa 2s 6d, zi-
ngene kanye; 3s 9d ka-
bini; 5s katatu.

IXABISO 3d.]

KING WILLIAMS TOWN, NGOLWESI-NE, DECEMBER 17, 1891

[Vol. X, No. 372

KING WILLIAMSTOWN ADVERTISEMENTS.

Beauchamp, Booth & Co.

(EBIYEKA J. J. IRVINE & CO.) Ivenkile YE

MPAHLA EZIBUHLUNGU NGA- MAXABISO
ANGATSHIPU.

ITYALI—Zintle kodwa ziyalahlwa, ziqala kwe- ze 4/6 to
£2 inye.

I PRINTI ezi "best" ezihlanjwayo 6d. yard.
Edluliseleyo itshipu i Satin Emhlope ne Cream i Muslin
yokunxiba enemigca 4 1/2d. yard.

I Satin Ezimhlope nezi Cream, 10 1/2d., 1/-, 1/6 nge yard.
Ingubo Zabatshakazi ezenziwa nge zintsha ifa- shini.
Iflawa Zabatshakazi. Izigubungelo Zabatshakazi.
Ingubo Zokutshata Zamadoda, Izitofu zokwenza
Ibhulukwe Zokutshata Ziyasikwa.
Ibhatyi Ezimnyama ezi "best" Zetwidi.

*Yizani kuzibonela ezimpahla ngokwe-
nu- Ngapambi kokuba nitenge napina yiyani
ko*

BEAUCHAMP, BOOTH & CO.

E-QONCE, KINGWILLIAMSTOWN.

NALUDABA OLUNCULULO LWALUTSAHBA,

LWA. VOTI, NA BULA

LOLOKWAZISA ABALHOBHO ABANTSUNDU.,

Ukuba INTENGO YOBOYA, NGAWO LOMCEBO iyakuba

KWA KLETTE

Ngokwesixosa ngu NGQOKOLETYENI,

E NEW TOWN, NGA KWI LITYE LIKA FITZER

QUEENSTOWN ADVERTISEMENTS.

PEACOCK BROS. NO WEIR,

EKOMANI

NGABATENGI abakulu Bokutya, benika
awona Manani alungileyo. E Komani
apa wakuke uyekuva into abayi kupayo pambi
kobuba utengise nokuba kupina.

Ihabile, Ezinkozo, Inqholowa, Irasi,

Imbotyi, I-ertyis, Umbona, Amazi-
mba, bahlele benawo. q131090

A Wonderful Medicine

BEECHAM'S

For Biliary and Nervous Disorders, such as Wind and Pam in the Stomach, Sick Headache, Giddiness, Fulness, and Swelling after meals, Dizziness and Drowsiness, Cold Chills Flu, hings of Heat, Loss of Appetite, Shortness of Breath, Costiveness, B'otches on the Skin, Disturbed Sleep, Frightful Dreams and all Nervous and Tr. milling ■ Sensations, &c. THE FIRST DOSE WILL GIVE RELIEF IN TWENTY MINUTES. This is no fiction. "Even- stiller is earnestly invited to try one Box of these Pills, and they will be acknowledged to be " WORTH A GUINEA A BOX. BEECHAM'S PILLS, taken as directed, will quickly restore females to complete health. They promptly remove any obstruction or irregularity of the system. For Weak Stomach; Impaired Digestion; Disordered Liver; they act like ba- ziefew doses will work won LT; upon the Vital Organs; Stren-rtlirnu'; the mnselnr System; restori'; the long- lost Complexion; brine'in; back the keen edge of appetite, and aron in; with the ROSEBUD OF HI awn the WHOLE PHYSICAL F.XEBGY of the human frajiv. FIT throwing off fevers in hot climates they ar. specialiy reno ni-4. Th" are " facts " admitted by thousands in all das a* of society, and one of th * >ri e< to wlm N TVO I ml 1> bUtato 1 is th u H vrlitu s "/U h n e H u r g e". Safe of an a Pritestl Mo-Urinf in the WRM. Full directions will each 1 ox. Prepared only by THOMAS BEECHAM, Cl. Helens, Lancashire, England.

SOLD BY ALL DRUGGISTS IS THE COLONIES.

Kubo Bonke Abalesa 'Imvo'

BANGABA banceda kwa Ipepa lendaba labo abantu
bakowetu ukuti, xa basukuba benento abafuna uku
zitenga, bavelele, ngangoko banako, kuzo zonke indawo
Ivenkile ezimpahla ihlokonyiswe ngezaziso kwi " Mvo." Kungalitungelo nakubo bengayifihlanga lonto kubanini-
venkile.

KING WILLIAMS TOWN ADVERTISEMENTS.

DYER-DYER

KING WILLIAMSTOWN.

IMPAHLA ENTSHA IFIKA EZIVEKI ZONKE.

*Umgudu uyenziwa ukugcina impahla eyona
isentliziyweni kWabantsundu. Ngapandle
Kwamatandabuzo lendlu yeyona impahla intle
IMAXABISO APANTSISI kulo lonke apa Emaxhoseni*

Isuti Zokutshata ziyalinganiswa zitu- ngwe
mininye.

Ezamadoda, Ezamadodana nezamakwenkwana, Ingubo
zokunxiba.

Ityali, Ifelane, Ingcawa, Ithempe, Iprinti, Ikele- ko, njalo
njalo.

Isuti Zamadoda ziqala	12/6
Ibhulukwe Zekodi Zamadoda ziqala.....	5/6
Indulubhatyi Zamadoda ziqala.....	2/6
Ithempe Zamadoda zokusebenza ziqala ...	1/-
Ibhatyi Ezimnyama Zetwidi ziqala	12,6
Ibhatyi ezingojobela zokuhomba ne Ndulubhatyi.	

Izihlangu, Ishuzi, Iminqwazi, Amaqhina,
Ikeps, Jzikhafu.

Ezona ntlobo zintsha!
Ezonafishini zokugqibela!!
Into ngemali yako!!!

—KWA—

DYER NO DYER,

E-QONCE.

BALIMI: KANGELANI APA!

IXESHA LOKUTYA LO 1891.

SINOVUYO olukulu ekwaziseni uknba sizimisele ukutenga amanani
Samakulu, kususela kwingxowa enye kude kuye kuma
waka amahlanu, xa isampulu zizezilungileyo, INGQOLOWA,
IRASI, IMBEWU YEHABILE, UMBONA, AMAZIMBA,
IMBOTYI, ITAPILE, njalo-njalo,
Ngamanani Apakamileyo ase Markeni NGE CASH
Iptshana elixela ubunzima namaxabiso, liya kukikwa umtengisi ngamnye.

ISEBE LOKULUNGISELA

Kuya kusivuyisa kunene ukutabata umsebenzi wokutengisele nabanina INKUNI,
IHABILE, UMBONA, okanye nantonina kwi Marike Yakusasa. Sokupa nomntu oyaziyo
idolopu ukuhamba ne Nqwelo. Sibiza imalana encinane ngokutengiselela umntu.

GILBERT FOX and SON,

MARKET SQUARE, KING WILLIAMS TOWN.

WOODROW & HOWARD

BAFUNA ukwazisa izihlobo zabo Ezintsundu ukuba baqale
ibhizinisi yokutetela Ifandesi (Auctioneers), njalo-njalo, kwivenkile
endala ka WHITLLE, baye beya kuvu- yiswa kukufumana
impahla yentlobo zonke, eya kutengiswa kwakamsinyane ngalo mini
va fandesi

LADY FRERE ADVERTISEMENTS.

J. W. GARRETT & CO.,

LADY FRERE

IZITORA "EZITSHIPU"

Ingubo Zamaledi, Iswekile Nekofu, nento zalowomkondo, Izihlangu, Ingubo
Zamadoda, Isali nempahla yalowomkondo, Ubugoxo bento ezifunwa nangumzi Obomvu.

Kunikwa amaxabiso angapezulu ngo BOYA, IZIKUMBU UKUTYA, ne
MPAHLA EHAMB AYO.

GRAHAMSTOWN ADVERTISEMENTS

BON MARCHE
E-RINI

Sineyona mpahla ininzi, nentle esi
Xekweni apa.

ONKE AMAGUMBI ANEMPAHLA EKETIWEYO.

Ezona Printi zintle 4 1/2d ne 6d nge yadi. I Galatiya 6d ngeyadi.
Ikeleko Emhlope ne Brown, iqalela kwi 2 1/2d nge yadi. Iflanele 3 3/4d
nge yadi. Ilinzi ngeyadi. I Sunshades 1s inye. Ikwilifi 2s 11d inye. Itawuli
3d inye. I Cretomes 2 3/4d nge yadi.

IMPAHLA YAMADODA

YONKE IYELUNGILEYO:

IBHULUKWE ZEKODI ziqalela kwi 4s 6d inye.
IBHATYI ZEKODI ziqalela kwi 10s 6d inye.
ISUTI ZETWIDI ziqalela kwi 14s 9d.
IHEMPE ZOKUSEBENZA ziqalela kwi 1s.
IHEMPE EZIMHLOPE 2s 11d.
IMINQWAZI iqalela kwi 2s 6d.
IKAUSI ziqalela kwi 4 1/2d nge pair.

INDLU YAMANENEKAZI

Yonke Impahla yabaza Kutshata iko.

Ilokwe Esezitungiwe, nabo bonke Ubu-
qheleqhele bamankazana, bunokwenziwa nge: xesha
elifupi.

JOHN W. BAYES & CO.,

Kwi Kona ye Bathurst Street ne Church Square,

GRAHAMSTOWN

£111290

KING WILLIAMS TOWN ADVERTISEMENT.



LEMNYAKA. I 18

IGQITILEYO,



SINGENISE KWELI LIZWE

IBLANKETE ZOBOYA

*EZILUKWE NGOBUGCISA OBU-
BODWA, Igama lazo yi EXTRA NAVY or
MATROSS"*

Kungeniswe ngabanye intlobontlobo ezifana noluhlobo;
esigqibe ke kwelokuba SIZIPA- ULE i BLANKETE
ZONKE ngopawu esi- luqinisele na Komkulu
ngohlobo Iwemifa- nekiso le yongamele lenteto.

Ukuba ufuna IBLANKETE YEYENE- NE,
kangelisa kunene ukuba ina- wona
umfanekiso we NGONYAMA
kwelinye LAMASONDO ayo.

ZONKE EZI BLANKETE ZIZEZINGATANDATYU- ZWAYO.
ZONKE EZI BLANKETE ZILUNGILE ZITE GUNGQU .
IBLANKETE NGANYE IYAYIVELA IMBOLA.

Kwivenkile enitenga kuzo-ke bizani Iblankete
ezinomfanekiso we Nkonyama.

Ziya kubako kuzo zonke ivenkile za Pesheya
kwe Nciba nase zidolopini zonke.

APO ZIPAKULWA KONA KUKO

PEACOCK BROS, and WEIR,
E QONCE.

Ngabo bodwa abanokubhala lomfanekiso we Nkonyama.

Inyama ne Zonka,

Nento ezinjenge kofu ne sweskile zitengeni ko

BOURKE no MARSH,
E Nyutawini nakwisitalato esipambi
kwe ofisi ngase mcantcatweni.